CAPE WINELANDS DISTRICT

MUNICIPALITY • MUNISIPALITEIT • UMASIPALA

UKUKHUTHAZWA KOFIKELELO KUMTHETHO WENGACISO, WAMA-2000 (UMTHETHO WESI-2 WAMA-2000) (PAIA) KUNYE NOMTHETHO WOKHUSELEKO LWENGCACISO YOMNTU, WAMA-2013 (UMTHETHO WESI-4 WAMA-2013) (POPIA)

Equlunqwe ngamagatya

OMTHETHO WOKUKHUTHAZA ILUNGELO LOKUFUMANA INGCACISO, 2000 (UMTHETHO NO 2 KA- 2000)

UMlawuli kaMasipala:	UMnu HF Prins
Idilesi yesitrato:	46 Alexander Street, Stellenbosch, 7600
Idilesi yeposi:	PO Box 100, Stellenbosch, 7599
Inombolo yefoni:	0861 265 263
Inombolo yefeksi:	021 887 3451
Idilesi ye-E-meyile:	admin@capewinelands.gov.za

UMASIPALA WESITHILI SEZIDILIYA

INCWADI YELUNGELO LOKUFUMANA INGCACISO

1. INTSHAYELELO

Le Manyuwali iqulunqwe ngokuhambelana noMthetho wokuKhuthazwa koFikelelo kwiNgcaciso, wama-2000 (uMthetho onguNombolo 2 wama-2000) ngenjongo yokunceda kwilungelo lomgaqo-siseko lokufikelela kwingcaciso nelibandakanya kuzo zonke iirekhodi zoMasipala weSithili njengoko ichazwe kuMthetho yaye yazisa abaceli ngenkqubo kunye nezinye iimfuno njengoko zichaziwe nguMthetho. Ibandakanya ngaphezulu yaye ilungisa iimfuno zoMthetho woKhuseleko lweNgcaciso yoMntu, wama-2013 (uMthetho onguNombolo 4 wama-2013) (“POPIA”).

2. INKCAZO YOLWAKHIWO LUKAMASIPALA WESITHILI

UMasipala weSithili Sezidiliya ulisebe lorhulumente kwicandelo lorhulumente lwale ndawo kwaye umiselwe ngokubhekisela iSaziso No P.N. 486 esinomhla we-22 Septemba 2000, njengokuba sitshintshiwe.

Ulwakhiwo lukaMasipala wesithili lwenziwa ulwakhiwo lwezopolitiko nolwakhiwo lolawulo.

Ulwakhiwo lwezopolitiko lwenziwa libhunga lesithili neekomiti ezahlukeneyo ezineenjongo ezithile, ikomiti elawulayo yikomiti eyintloko kuzo. Ibhunga lenziwa ngamalungu angama-41, amalungu alishumi elinanye (11) angamalungu ebhunga exesha lonke namalungu ali-17 awalameneyo namanani. Isithethi sikhokela ezintlanganisweni zebhunga senze imisebenzi sisebenzise amandla agqithiselwe kuMthetho woRhulumente wale ndawo: uMthetho woLwakhiwo looMasipala, 1998 (uMthetho No 117 ka-1998). Enye yeenjongo eziyintloko zesiThethi kukuqinisekisa ukuba amalungu ebhunga athobele ikhowudi yokuziphatha.

Isibonda seDolophu sikhokela iintlanganiso zekomiti elawulayo senze imisebenzi, equka nemisebenzi engamatiletile, sisebenzise amandla agunyaziswe libhunga okanye ikomiti elawulayo. Isekela leSibonda seDolophu linceda iSibonda seDolophu sikhokele xa iSibonda seDolophu singekho.

Isakhelo solawulo esiqulunqwe ngoMlawuli kaMasipala otyunjwe ngokuhambelana neCandelo 54A loMthetho weLocal Government: Municipal Systems Act, 2000 (uMthetho onguNombolo 32 wama-2000) kunye noluhlu lwenani labasebenzi oluqulathe la masebe alandelayo:

(a) Iofisi yoMphathi kaMasipala;
(b) Inkonzo Yezemali noBuchule bokuXhasa;
(c) Linkonza zoPhuhliso Loluntu kunye Nezicwangciso Zengingqi;
(d) Iinkonzo Zobuxhaka-Xhaka.

3. INKCAZO ZEENJONGO ZIKAMASIPALA WESITHILI

Umasipala wesithili unegunya lokwenza imithetho nokulawula mayela namandla neenjongo ezigunyaziswe kuwo ngoMgaqo-Siseko woMzantsi Afrika, 1996 (Inombolo yoMthetho 108 ka-1996) neminye imimiselo efanelekileyo.

Iinjongo namandla abalulekileyo kaMasipala wesithili ngokubhekisela Icandelo 84 loMthetho woLwakhiwo lukaMasipala, 1998 (Inombolo yoMthetho 117 ka-1998), aquka alandelayo:

3.1 Ucwangciso lophuhliso olumanyanweyo lukamasipala wesithili wonke, oluquka nobume bamacebo ophuhliso olumanyanweyo oomasipala bonke abakummandla kamasipala wesithili.
3.2 Iinkonzo zikaMasipala zezempilo.
3.3 Iinkonzo zokucima ukutsha ezikhonza ummandla wonke kamasipala wesithili, eziquka—

3.3.1 ukuceba, ukulungelelanisa nokumiswa kakuhle kweenkonzo zokutsha;

3.3.2 iinkonzo ezizodwa zokucima ukutsha njengeenkonzo zokutsha ezintabeni, endle nokutsha komchiza;

3.3.3 ukulungelelanisa ukumiswa emgangathweni kwamaziko akhoyo, izithuthi, izixhobo namanyathelo eenkqubo;

3.3.4 ukuqeqesha amagosa okutsha.

3.4 Ukukhuthazela ummandla kamasipala wesithili ukhenketho lwale ndawo.

3.5 Imisebenzi kawonke-wonke kamasipala enxulumana naziphi na iinjongo ezingaphezulu okanye naziphi na ezinye iinjongo ezinikwe umasipala wesithili.

3.6 Ukufumana, ukubeka kwicala elithile, kwaye, xa kufanele, ukusasazwa kweengxowa-mali ezinikwa umasipala wesithili.

3.7 Ukunyanzelisa nokuqokelela iirhafu ezahlukeneyo ezinxulumana neenjongo ezingaphezulu okanye ezinokugqithiselwa umasipala wesithili ngokubhekisela imimiselo yesizwe.

Njengoko umasipala wesithili engasafunani ngeniso kwintlawulo yenkonzo (Regional Services Council levy) endaweni yoko uthi afumane inkxaso yezimali kwicandelo lezimali likazwelonke ukuze abe nako ukuphumeza iinkonzo amiselwe zona.

4. IISIKHOKELO ESIZA KUPHUHLISWA YIKOMISHONI YAMALUNGELO OLUNTU

Ikomishoni yaMalungelo oLuntu, emiselwe kwiCandelo 181(b) loMthetho woMgaqo-Siseko woMzantsi Afrika, 1996, iza kwenza, emva kwexesha ngokubhekisela icandelo 10 loMthetho obalulweyo ngaphezulu, esiza kuba nolwazi oluza kufuneka ngengqiqo ngumntu ofuna ukusebenzisa naliphi na ilungelo elikulo Mthetho. Kufuneka esi sikhokelo sipapashwe ngaphakathi kweenyanga ezili-18 emva kokugunyaziswa koMthetho wokukhuthaza ukufumana uLwazi, 2000 (Inombolo yoMthetho 2 ka-2000). Xa umntu efuna ukufumana ulwazi olungaphezulu, kufuneka adibane ne-:

Human Rights Commission
132 Adderley Street
CAPE TOWN
8000

Inombolo yeFoni: 021 426 2277

Inombolo yeFeksi 021 426 2875

5. IINKCUKACHA ZEGOSA LOLWAZI NESEKELA LEGOSA LOLWAZI

Iinkcukacha zokudibana neGosa loLwazi neSekela leGosa loLwazi zingaphantsi:

IGOSA LOLWAZI

UMnu HF PRINS (uMlawuli kaMasipala)

IDILESI YESITRATO: 46 Alexander Street
STELLENBOSCH
7600

IDILESI YEPOSI: PO Box 100
STELLENBOSCH
7599

INOMBOLO YEFONI: 0861 265 263

INOMBOLO YEFEKSI: 021 887 3451

IDILESI YE-E-MEYILE: mm@capewinelands.gov.za

UNksz K SMIT (uMphathi: WeCandelo lezokuXhasa)

IDILESI YESITRATO:	46 Alexander Street STELLENBOSCH 7600
IDILESI YEPOSI:	PO Box 100 STELLENBOSCH 7599
INOMBOLO YEFONI:	0861 265 263
INOMBOLO YEFEKSI:	023 342 8442
IDILESI YE-E-MEYILE:	admin@capewinelands.gov.za

6. INKCAZO YEENGXELO EZIGCINIWE NGUMASIPALA WESITHILI SEZIDILIYA

Umasipala Wesithili Sezidilya ugcina iingxelo ezilandelayo:

UMCIMBI	IINDIDI
Imimiselo	Imithetho nemimiselo yendlu ye Palamente
	Imithetho nemimiselo yamaPhondo
	Imithetho nemimiselo ye Bhunga
Umsebenzi nolawulo	Ugquthisela amandla
	Iintlanganiso zabaphathi
	Uqoqosho lweencwadi
	Indlela yokufayilisha
	Ukulahlwa kweencwadi
	Icebo lophuhliso elihlanganisiweyo
	Amacebo akwaMasipala
	Amacebo ecandelo
	Umgaqo wendlela yokusebenza
	Amasebe
Ibhunga lethu kunye nemicimbi ye Bhunga	Ulonyulo
	Iintlanganiso
	Imicimbi yamaLungu

UMCIMBI	IINDIDI
Abasebenzi	Ulawulo lwezikhundla
	Ukusekwa kwemeko zeenkonzo zomsebenzi
	Izikhundla ezivulelekileyo kunye nokuqeshelwa kwazo
	Uqeqesho kunye neziphumo
	Ezezimali
	Umhlala-phantsit
	Imithetho Yabasebenzi
	Ulawulo lwabasebenzi
	Ulawulo lomsebenzi
	Amaxesha kunye namanani abasebenzi
	Ezempilo kunye nokhuseleko
	Uphuhliso lobugcisa
	Imithetho yezengqesho
Ezezimali	Uhlahlo lwabiwo-mali
	Uhlengahlengiso
	Irhafu kunye neminikelo
	Imali -mboleko
	Amabango nentlawulo ezimisiweyo
	Inkxaso-mali yezindlu kunye neminikelo efunyanwayo
	Inkxaso mali kunye neminikelo efumanekayo
	Ugcino-mali eBhankini
	Ukuqokelela imali yamatyala
	Ukuhlawula amatyala
	Intlawulo yamalungu eBhunga
	Ukuqokelelwa kwamatyala
	I-inshurensi
	Ukuthembeka
	Uncedo lwezezimali
	Ilahleko
	Imeko yezeBhanki
	Ezembuyiso,Iingxelo kunye namanani
Iinkonzo zekhaya kunye neenkonzo zeZithuthi	Izibonelelo ngokwenkonzo zekhaya
	Iinkonzo zekhaya
	Ezezithuthi
Izakhiwo kunye neeMihlaba	Izakhiwo kunye neemihlaba
	Ukufumana
	Ukusebenzisa nokugcina kakuhle
	Ukwahlula
Izicelo zokwenza umsebenzi, iZibophelelo neZivumelwano	Iingxelo eziyintloko
	Iingxelo zomsebenzi noqikelelo
	Iingxelo zeziVumelwano ezithile
Ingxelo kunye neMbuyiselo	Iingxelo zangaphakathi kunye nembuyiso
	Iingxelo zangaphandle kunye nembuyiso

UMCIMBI	IINDIDI
Intengiso kunye nengxelo	Intengiso kunye nengxelo yakho
	Intengiso kunye nengxelo yamanye amacandelo
	Ubudlelwane bamaCandelo asebuRhulumenteni
Umbhiyozo kunye nemiBhiyozo ya Sekuhlaleni	Intsebenziswano ye Zentlalo
	Amanye Amatheko nemisebenzi
	Ukuvuyisana kunye namazwi oVelwano
Ukwakhiwa kweentlanganiso zeMibutho kunye namanye amaBhunga nemiButho	I-agenda, IMizuzu kunye neeNgxelo
	ISizwe ngokupheleleyo kunye namaPhondo
Imicimbi yezeMithetho	Izimvo zezoMthetho kunye neZigqibo zeNkundla
	Amabango
	Ukutshutshisa nokunyanzelisa uMthetho
	Amagosa okunyanzelisa uMthetho
Ilayisenisi, iZiqinisekiso kunye namaPhepha-mvume	Izicelo kunye nokukhutshwa kwesivumelwano
	Ilayisenisi
	Iziqinisekiso
	Amaphepha-mvume
Ukuceba uPhuhliso nokulawula ukwakha	Amacebo ophuhliso ulumandla kunye nophuhliso olumanyeneyo
	Ukuceba uphuhliso
	Ulawulo lweZakhiwo
IInkonzo eziyimfuneko	Iindlela kunye neeZitalato
	Izithuthi zikaWonke-Wonke
	Amanzi
	Amanzi amdaka
	Ucoceko
	Umbane
	Amangcwaba
Iinkonzo zoluntu	Iiinkonzo zeMpilo zikaMasipala
	Iinkonzo zeMpilo
	Izindlu
	Iinkonzo zentlekele
	Iinkonzo zokucima umlilo
	Iinkonzo zentlalo-ntle
	Uphuhliso lweZoqoqosho
	Indalo kunye nolondolozo lwendalo
	Ezemidlalo noLonwabo
	Iinkonzo zentlala-kahle

7. IINDIDI ZEENGXELO EZINOKUFUMANEKA NJE

Iingxelo ezilandelayo zinokufumaneka nje, akufuneki isicelo esisesikweni:

7.1 Imimiselo kaMasipala, imimiselo yeDolophu neenkqubo
7.2 Imimiselo yokuThunywa
7.3 Ixesha, indawo, ii-agenda nemizuzu yeentlanganiso zeBhunga, ikomiti elawulayo nezinye iikomiti, ngaphandle kwemizuzu nee-agenda eziphawulwa “ngokwehlebo”
7.4 Ulwazi mayela neentlanganiso zebhunga likamasipala
7.5 Icebo loPhuhliso olumanyanweyo
7.6 Amacebo oShishino
7.7 Isicwangciso-mali namaxabiso, iirhafu neentlawulo njl-njl
7.8 Iingxelo zoMphicothi-ziincwadi zemali oyintloko
7.9 Iincwadi zeziCelo zokwenza umsebenzi
7.10. Ukwakhiwa kokumiswa kwaBasebenzi
7.11 iingxelo zonyaka
7.12 Ulwazi lwaMalungu eBhunga

INKQUBO YOKUCELA UKUFUMANA IINGXELO

ISICELO ESISESIKWENI

Xa umntu efuna ukwenza isicelo sokufumana ingxelo kaMasipala wesithili seZidiliya ngokubhekisela uMthetho wokukhuthaza ukufumana Ulwazi, 2000 (uMthetho 2 ka-2000), kufuneka isicelo esibhaliweyo senziwe sithunyelwe kwiGosa loLwazi, iinkcukacha zokudibana nalo ziku-5 kule ncwadi, kwifomu A njenokumiselwe kwiPhepha-ndaba loMbuso loRhulumente No 22125 lika-9 Matshi 2002 (Isaziso soRhulumente No R 223) equkwa kule ncwadi njengeSongezo “A”. Igosa loLwazi liza kunika uncedo olunengqiqo ekuzalisweni kwefomu yesicelo nasekucacisweni kwenkqubo. “Umntu” uthetha ukuba umntu wenene okanye into ekhoyo ngokomthetho njengenkampani. Uthelelwano alungomntu, alunakuvunywa ukufumana ulwazi.

ISICELO ESINGAMISELEKANGA

Umntu ongakwazi ukufunda nokubhala okanye umntu ongenakwenza sicelo sokufumana ingxelo ngenxa yobulwelwe angenza isicelo ngokuthetha. Kufuneka iGosa loLwazi okanye iSekela leGosa loLwazi lincede umntu owenza isicelo ngokubhala isicelo kwifomu efunekayo linike umntu ocelayo ikopi yesicelo esibhaliweyo. Kufuneka iGosa loLwazi lincede mahala umntu ofuna uncedo elinengqiqo.

ULWIMI

Kufuneka umntu ocelayo axele ulwimi afuna ukufumana ingxelo ngalo. Xa ingxelo ingenakufumaneka ngolwimi olukhethwayo ngumntu ocelayo, ungavunywa ukufumana ingxelo ngolwimi olufumanekayo.

ISICELO

Kufuneka isicelo sibe nolwazi olwaneleyo ukuze iGosa loLwazi libe nakho:

(a) ukuchonga iingxelo ezicelwayo (equka nenkcazo yale ngxelo, inombolo yesalathiso naziphi na iinkcukacha ezingaphezulu zengxelo;
(b) nezomntu ocelayo, eziquka nolwazi lonke lokudibana naye.

UHLOBO EKUFUNYANWA NGALO ULWAZI

Ulwazi lumele ukunika iGosa loLwazi ukuba nakho ukuchonga uhlobo ekufunyanwa ngalo ulwazi olufunwayo umntu ocelayo, ngomzekelo:

(a) Ukuba umntu ocelayo ufuna ukwenza ikopi yengxelo ebhaliweyo okanye echwetheziweyo okanye ufuna ukuyikhangela;
(b) ukuba umntu ocelayo ufuna ukubukela okanye ukwenza ikopi yemifanekiso enokuba iifoto, iifoto ezinokufakwa kumatshini, ushicilelo lwevidiyo, imifanekiso eyenziwe yikompyutha okanye imizobo okanye ufuna ukufumana ikopi yemifanekiso;

(c) ukuba umntu ocelayo ufuna ukumamela ushicilelo olunesandi okanye ufuna ukufumana ukukhuphela okubhaliweyo okanye okuchwetheziweyo koshicilelo olunesandi;

(d) ukuba umntu ocelayo ufuna ukufumana ikopi echwetheziweyo yikompyutha okanye uhlobo lwekopi olunokufundeka ngumatshini evela kwikompyutha.

IINTLAWULO

Kufuneka ifomu yesicelo ikhatshwe yintlawulo yokufumanisa emiselweyo ekwiSongezo C kule ncwadi. Akufuneki umntu ofuna ulwazi mayela naye abhatale intlawulo yokuqala, kodwa kufuneka umntu ongafuni lwazi mayela naye abhatale intlawulo yokuqala ye-R35.00 yokufumana ingxelo. Bonke abantu abacelayo, ngaphandle kwabantu abacelayo abakhululwe ngokubhekisela kwiCandelo 22(8)(a) loMthetho wokukhuthaza ukufumana koLwazi, 2000 (Inombolo yoMthetho 2 we-2000), mababhatale iintlawulo ezifunekayo zokufumana ingxelo.

IXESHA ELINENGQIQO

Umntu ocelayo uza kunikwa ulwazi olufunekayo, xa lunokufumaneka, ngexesha elinengqiqo emva kokufumana ifomu yesicelo nentlawulo emiselweyo.

XA INGXELO INGEKHO PHANTSI KOLAWULO OKANYE ENGENAYO UMASIPALA WESITHILI SEZIDILIYA

Igosa loLwazi linokugqithisela isicelo xa ingxelo ingekho phantsi kolawulo okanye engenayo uMasipala weSithili seZidiliya okanye xa umcimbi wayo unxulumana ngokufutshane neenjongo zomnye umbutho kawonke-wonke okanye xa ingxelo inolwazi loshishino olunomdla omkhulu komnye umbutho kawonkewonke. Isicelo siza kugqithiselwa kamsinya xa kunokwenziwa, kodwa ngaphakathi kweentsuku ezili-14 emva kokufumana isicelo. Kufuneka iGosa loLwazi lazise umntu ocelayo ukuba isicelo sigqithiselwa, izizathu zokusigqithisela nethuba ekuphendulwa ngalo isicelo.

XA INGXELO INGASENAKUFUMANEKA OKANYE INGAFUNYANWA

Xa ulwazi lungafumaneki ngeli xesha okanye lungenakufumaneka, kwaye onke amanyathelo anengqiqo athatyathiwe ukufumana le ngxelo, kufuneka iGosa loLwazi lazise umntu ocelayo ngengxelo efungelweyo okanye ngesiqinisekiso.

XA INGXELO INGEKAFUMANEKI

Ukufumaneka kunokumiselwa xa ingxelo ingekafumaneki. Umntu ocelayo uza kwaziswa ngalo mcimbi.

XA UKUFUMANEKA KUNIKIWE:

Kufuneka iGosa loLwazi lenze isigqibo ngaphakathi kweentsuku ezingama-30 (AMASHUMI AMATHATHU) ukuvuma isicelo okanye hayi na. Xa ukufumana ulwazi kunikiwe, kufuneka isaziso sithunyelwe kumntu ocelayo esithetha okukulandelayo:

(a) intlawulo yokufumaneka xa ikho mayibhatalwe xa kunikwe ukufumaneka kolwazi;
(b) uhlobo lokunika ukufumaneka; kwaye
(c) umntu ocelayo angabhenela ngaphakathi kuMasipala wesithili seZidiliya okanye angafaka isicelo enkundleni ukuthinthela intlawulo yokufumana ulwazi okanye uhlobo oluza kufumaneka ngalo ulwazi.

XA UKUFUMANEKA KUSALIWA

Xa ukufumaneka kwengxelo kunganikwa, kufuneka isaziso esivela kwigosa loLwazi okanye iSekela leGosa loLwazi, sinike izizathu ezaneleyo zokwala, ngaphandle kokubhekisela kwisiqulatho sengxelo kwaye sixele ukuba umntu ocelayo angabhenela ngaphakathi kuMasipala weSithili okanye angafaka isicelo enkundleni sokuthinthela ukwaliwa kwesicelo nenkqubo yokubhenela ngaphakathi okanye yokufaka isicelo.

UKWANDISWA KWEXESHA

Igosa loLwazi okanye iSekela leGosa loLwazi linokwandisa ithuba leentsuku ezingama-30 (AMASHUMI AMATHATHU) lokugqiba ngesicelo xa:

(a) isisicelo senani elingaphezulu leengxelo kwaye ukuvuma naso kuza kuthinthela ngokungenangqiqo imisebenzi eqhelekileyo kaMasipala weSithili seZidiliya;
(b) sifuna ukufunwa kwingqokelela yeengxelo ekwi-ofisi engasedolophini yeGosa loLwazi kwaye iGosa loLwazi lingenakulindeleka ngokwengqiqo ukugqiba isicelo ngaphakathi kweentsuku zokuqala ezingama-30 (AMASHUMI AMATHATHU);
(c) ukucebisana namanye amasebe kaMasipala wesithili seZidiliya okanye nomnye umbutho kawonke-wonke kuyafuneka kwaye iGosa loLwazi lingenakulindeleka ngokwengqiqo ukugqiba ngokucebisana ngaphakathi kweentsuku zokuqala ezingama-30 (AMASHUMI AMATHATHU); okanye
(d) umntu ocelayo uvuma ngokubhala nokwandisa ixesha.

Xa ithuba lisandiswa, kufuneka iGosa loLwazi lazise umntu ocelayo ukuba ithuba landiswe nezizathu zokwenza oko, ngaphakathi kweentsuku ezingama-30 (AMASHUMI AMATHATHU) emva kokufumana isicelo. Kufuneka isaziso sixele ithuba lokwandisa nezizathu ezaneleyo zokwandisa . Kufuneka isaziso sixele nokuba umntu ocelayo angafaka isicelo enkundleni sokuthintela ukwandisa nenkqubo (equka nethuba) yokufaka ngayo isicelo.

8. INKCAZO YEENKONZO ANOKUZIFUMANA AMALUNGU KAWONKE-WONKE ZIKAMASIPALA WESITHILI SEZIDILIYA NEENKONZO ZOKUFUMANA

Zonke izicelo zokufumana ulwazi maziye kwiGosa loLwazi, kodwa iindawo ezinenjongo yokunika uwonke-wonke ulwazi mayela neenkonzo ezibalulwa ngaphantsi zinikiwe.

STELLENBOSCH

46 Alexander Street	Ifoni:	0861 265 263
STELLENBOSCH	Ifeksi:	021 887 2271
7600	I-E-meyile:	bongiwep@capewinelands.gov.za

WORCESTER

51 Trappes Street	Ifoni:	0861 265 263
WORCESTER	Ifeksi:	023 342 8442
6850	I-E-meyile:	admin@capewinelands.gov.za

PAARL

194 Main Street	Ifoni:	0861 265 263
PAARL	Ifeksi:	021 872 1277
7646	I-E-meyile:	myrtler@capewinelands.gov.za

CERES

27 Munnik Street	Ifoni:	0861 265 263
CERES	Ifeksi:	023 312 3177
6835	I-E-meyile:	christelle@capewinelands.gov.za

ROBERTSON

40 Van Reenen Street	Ifoni:	0861 265 263
ROBERTSON	Ifeksi:	023 626 5059
6705	I-E-meyile:	admin@capewinelands.gov.za

MONTAGU

50A Bath Street	Ifoni:	023 614 2380
MONTAGU	Ifeksi:	023 614 1548
6720	I-E-meyile:	elrina@capewinelands.gov.za

9. UKUQWALASELWA KWENGCACISO YOMNTU

9.1 INGCACISO YOMNTU ETHE YAQWALASELWA NGUMASIPALA WESITHILI SASECAPE WINELANDS

Isahluko sesi-3 soMthetho woKhuseleko lweNgcaciso yoMntu, wama-2013 (uMthetho onguNombolo 4 wama-2013) (“POPIA”) sinikezelo ngemiqathango ephantsi elungiselelwe ukuqwalaselwa okusemthethweni kweNgcaciso yoMntu nguMntu onoXanduva. Le miqathango ayinakuthotywa ngaphandle ukukhethwa okuthile kuyasetyenziswa njengoko kuchazwe kwiPOPIA.

UMasipala weSithili saseCape Winelands udinga iNgcaciso yoMntu yabantu abaqhelekileyo nabanamagunya ukulungiselela ukuqhuba ushishino lwabo nemisebenzi yombutho. Indlela ekuqwalaselwa ngayo le Ngcaciso yoMntu kunye nenjongo eqwalaselelwa yona imiselwa nguMasipala weSithili saseCape Winelands. UMasipala weSithili saseCape Winelands unguMntu onoXanduva ngokufanelekileyo ukulungiselela iPOPIA yaye uya kuqinisekisa ngento yokuba iNgcaciso yoMntu kuBantu beeNkcukacha zamanani:

9.1.1 Ingaba iqwalaselwe ngokusemthethweni, ngobulungisa nangokuphandle. Oku kubandakanya unikezelo lwengcaciso efanelekileyo kuBantu beeNkcukacha zamanani xa iinkcukacha zamanani zabo zamanani ziqokelelwe siSithili saseCape Winelands, ngendlela yezaziso zasese okanye zokuqokelelwa kweenkcukacha zamanani. UMasipala weSithili saseCape Winelands kufuneka ngokunjalo abe nesiseko esisemthethweni (umzekelo, imvume) yokuqwalasela iNgcaciso yoMntu.

9.1.2 Ingaba iqwalaselelwe kuphela iinjongo ebiqokelelelwe zona.

9.1.3 Ayisayi kuqwalaselelwa enye injongo ngaphandle kokuba ukuqwalaselwa kuyahambelana nenjongo yokuqala.

9.1.4 Ingaba yanele, ifanelekile yaye ayikho ngaphezulu kwezo njongo ebiqokelelelwe yona.

9.1.5 Ichanekile yaye igcinwe ihlaziyiwe.

9.1.6 Ayisayi kugcinwa ithuba elide ngaphezulu kokuba kuyimfuneko.

9.1.7 Iqwalaselwe ngokuhambelana nemithetho-siseko yemfezeko nemfihlo.

9.1.8 Oku kubandakanya imiqathango ebambekayo neyohlobo lwe-elektroniki, ixhomekeke kwinqanaba elifanelekileyo lokhuseleko xa igcinwa, isetyenziswa yaye ichazwe nguMasipala weSithili saseCape Winelands, ukulungiselela ukukhusela kufikelelo nokufunyanwa ngabantu abangagunyaziswanga nokulahleko ngengozi, ukutshabalala okanye ukonakala.

9.1.9 Iqwalaselwa ngokuhambelana namalungelo aBantu beeNkcukacha zamanani, apho kufanelekileyo. ABantu beeNkcukacha zamanani banelungelo:

(a) Lokwaziswa okokuba iNgcaciso yoMntu iqokelelwe nguMasipala weSithili saseCape Winelands;
(b) Lokwaziswa kwimeko apho kophulwe umthetho weenkcukacha zamanani;
(c) Bazi okokuba ingaba uMasipala weSithili saseCape Winelands ugcine iNgcaciso yoMntu emalunga nabo, nokufikelela ingcaciso leyo yaye nasiphi na isicelo sengcaciso kufuneka siphathwe ngokuhambelana nezibonelelo zale Manyuwali;
(d) Lokucela ukulungiswa okanye ukucinywa kwengachanekanga, engafanelekanga, engaphezulu kwefunekayo, edlulelwe lixesha, engaphelelanga, elahlekisayo okanye ingcaciso yomntu efunyenwe ngokungekho mthethweni;
(e) Inkcaso kukusetyenziswa kweNgcaciso yabo yoMntu nguMasipala weSithili saseCape Winelands kunye nesicelo sokucinywa kweNgcaciso yoMntu (ukucinywa kua kuxhomekeka kwiimfuno zokugcinwa kwerekhodi nguMasipala weSithili saseCape Winelands);

(f) Inkcaso kukuqwalaselwa kweNgcaciso yoMntu ngenjongo yentengiso ngqo ngokusetyenziswa konxibelelwano lwe-elektroniki olungabongozwanga; kunye

(g) Ukukhalaza kuMlawuli weNgcaciso ngokuphathelelene nolwaphulo olurhanelwayo lwamalungelo akhuselwe phantsi kwePOPI nokumiselwa kwezimangalo ezisemthethweni eziphathelelene nokungahambelani okurhanelwayo kunye nokhuseleko lwakhe, okanye lwengaciso yomntu.

9.2 INJONGO YOKUQWALASELWA KWENGCACISO YOMNTU

Njengoko kuchaziwe ngasentla, iNgcaciso yoMntu inakho ukuqwalaselwa kuphela kulungiselelwa injongo ethile. Iinjongo aqwalasela ngazo okanye aya kuqwalasela ngazo iNgcaciso yoMntu uMasipala weSithili saseCape Winelands zithiwe thaca kwiCandelo 1 leSihlomelo 2.

9.3 AMACANDELO ABANTU BEENKCUKACHA ZAMANANI KUNYE NENGCACISO YOMNTU/INGCACISO YOMNTU EYODWA ENXULUMENE NALEYO

Ngokwecandelo 1 lePOPIA, uMntu weeNkcukacha zamanani usenokuba ngumntu wemveli okanye umntu osemthethweni. ICandelo 2 leSihlomelo 2 lithi thaca amacandelo awahlukeneyo aBantu beeNkcukacha zamanani abaqwalaselwa nguMasipala weSithili saseCape Winelands athi aqwalasele iNgcaciso yoMntu kuyo kunye neentlobo zeNgcaciso yoMntu enxulumene nayo.

9.4 ABAMKELI BENGCACISO YOMNTU

ICandeli 3 leSihlomelo 2 lichaza abamkeli athi uMasipala weSithili saseCape Winelands anikezele iNgcaciso yoMntu yeeNkcukacha zamanani zoMntu.

9.5 UKUQUKUQELA KWENGCACISO YOMNTU EVELA NGAPHAYA KWEMIDA YENDAWO

9.5.1 ICandelo 72 lePOPIA linikezela ngento yokuba iNgcaciso yoMntu inokukhutshelelwa kuphela ngaphandle kweRiphabliki yoMzantsi Afrika ukuba ngaba:

(a) Ilizwe lomamkeli linakho ukunikezela iinkcukacha zamanani ezinjalo “inqanaba elaneleyo” lokhuseleko. Oku kuthetha okokuba imithetho yemfihlo yeenkcukacha zamanani kufuneka ikakhulu iyelelane kwiMiqathango elungiselelwe ukuQwalaselwa okuseMthethweni njengoko kuqulathwe kwiPOPIA;

(b) UMntu weeNkcukacha zamanani kufuneka avumele ukhutshelo lweNgcaciso yabo yoMntu;

(c) Ukhutshelo luyimfuneko ukulungiselela ukuqhutywa kwesigunyaziso sesivumelwano phakathi koMntu weeNkcukacha zamanani kunye noMntu onoXanduva;

(d) Ukhutshelo luyimfuneko ukulungiselela ukuqhutywa kwesigunyaziso sesivumelwano phakathi koMntu onoXanduva kunye nomnye umntu, okumdla woMntu weeNkcukacha zamanani; okanye

(e) Ukhutshelo lusisibonelelo loMntu weeNkcukacha zamanani, yaye akusoloko kulula ngokufanelekileyo ukufumana imvume yoMntu weeNkcukacha, yaye ukuba kunjalo, uMntu weeNkcukacha zamanani, ebeya kuba nakho ukunikezela ngemvume enjalo.

9.5.2. ICandelo 4 leSihlomelo 2 lithi thaca ukhutshelo olucwangcisiweyo lweNgcaciso yoMntu ngaphaya kwemida.

9.6 INKCAZELO YEMINQATHANGO YOKHUSELEKO LWENGCACISO EKUFUNEKA IMILISELWE NGUMASIPALA WESITHILI SASECAPE WINELANDS

ICandelo 5 leSihlomelo 2 lithi thaca iintlobo zemiqathango yokhuseleko ekufuneka imiliselwe nguMasipala weSithili saseCape Winelands ukulungiselela ukuqinisekisa ngento yokokuba iNgcaciso yoMntu ihlonitshiwe yaye ikhuselwe.

Uvavanyo lokuqala lokufaneleka kwemiqathango yokhuseleko lwengcaciso emiliselweyo okanye eza kumiliselwa nguMasipala weSithili saseCape Winelands lunakho ukuqhutywa ukulungiselela ukuqinisekisa ngento yokuba iNgcaciso yoMntu ethe yaqwalaselwa nguMasipala weSithili saseCape Winelands ikhuselwe yaye iqwalaselwe ngokuhambelana neMiqathango yokuQwalasela okuseMthethweni.

9.7 INKCASO KUKUQWALASELWA KWENGCACISO YOMNTU NGUMNTU WEENKCUKACHA ZAMANANI

ICandelo 11(3) lePOPIA kunye nommiselo 2 weMimiselo yePOPIA linikezela ngento yokuba uMntu weeNkcukacha zamanani unakho nangaliphi na ixesha ukukuchasa ukuqwalaselwa kweNgcaciso yakhe kwifomu echaziweyo encanyathiselwe kule manyuwali njengeSihlomelo 3, kuxhonyekekwe kunxaxho oluqulathwe kwiPOPIA.

9.8 ISICELO SOKULUNGISWA OKANYE SOKUCINYWA KWENGCACISO YOMNTU

ICandelo 24 lePOPIA kunye nommiselo 3 weMimiselo yePOPIA linikezela ngento yokuba uMntu weeNkcukacha zamanani unakho ukucela okokuba iNgcaciso yabo yoMntu ilungiswe/icinywe kwifomu echaziweyo encanyatheliswe njengeSihlomelo 4 kule Manyuwali.

9.9 AMACANDELO ABANTU BEENKCUKACHA ZAMANANI KUNYE NENGCACISO YABO

UMasipala weSithili saseCape Winelands unakho okanye uneerekhodi ezinxulumene neNgcaciso yoMntu yabasebenzi, yabaxhamli, yabanikezeli benkonzo, yamalungu ebhunga, yeekontilaka, yanikezeli benkonzo, yabachaphazelekayo kunye namalungu oluntu.

10. AMALUNGISELELO NAMAGATYA AWENZIWEYO UKUZE ABANTU BANIKE AMACEBO BACEBISE OKANYE BATHATHE INXAXHEBA OKANYE BAPHEMBELELE NGEZINYE IINDLELA UKWENZIWA KWEENKQUBO OKANYE UKUSETYENZISWA KWAMANDLA OKANYE UKWENZIWA KWEMISEBENZI NGUMASIPALA WESITHILI SEZIDILIYA:

Umthetho weZixokelelwano zikaMasipala, 2000 (Umthetho 32 ka-2000), uyalela umasipala ngamnye ukuba akhuthaze ayile iimeko olunokuthatha inxaxheba kuzo uluntu lwale ndawo kwimicimbi kamasipala. Yiyo loo nto izinto ezisebenzayo neenkqubo zolwalamano ezithile ziyilwe ngenjongo yokunika uwonke-wonke ukuba nakho kokuthatha inxaxheba kwimicimbi kamasipala, ngomzekelo:

ULWALAMANO – IBHUNGA NOWONKE-WONKE

(a) ukwazisa uwonke-wonke ngokwaneleyo mayela nayiphi na injongo yokwenza imimiselo yedolophu okanye iinkqubo mayela nawuphi na umcimbi onokuphembelela uwonke-wonke;
(b) ukulungiselela nokusasaza exesheni ii-agenda zeentlanganiso zebhunga nezeekomiti;
(c) Izaziso zePhepha-ndaba lombuso loRhulumente okanye eminye imimiselo mayela noMasipala weSithili;
(d) ingxelo yonyaka eya kuluntu yeziphumo eziphumelelweyo nguMasipala;
(e) iintlanganiso zeBhunga ezivulekileyo kuwonke-wonke;
(f) izinto zokusasaza iindaba, ngomzekelo unomathotholo namaphepha-ndaba ale ndawo.

ULWALAMANO – UWONKE-WONKE NEBHUNGA

(a) amalungu eBhunga amela abantu namalungu eBhunga amela umasipala wale ndawo;

(b) ukudibana ne-ofisi yemicimbi kawonke-wonke;

(c) amathuba okucebisana nemibutho yoluntu lwale ndawo;

(d) Ingeniso ebhaliweyo mayela neenkqubo okanye imimiselo yedolophu ecetywayo okanye mayela nawuphi na umcimbi obhekisela ekusetyenzisweni kwamandla okwenza imisebenzi nguMasipala, inganikwa uMlawuli kaMasipala okanye uSodolophu ngedilesi echazwa kwisahlulo 5.

IINKQUBO ZOLWALAMANO ZEBHUNGA

(a) iintlanganiso zikawonke-wonke;

(b) ukuqaphela iMibutho esekwe kuLuntu, eza kubandakanywa kwiinkqubo zokuceba ngomzekelo inkqubo yophuhliso olumanyanwayo njl-njl;

(c) inkqubo yocwangciso-mali eyilwa ngenjongo yokukhuthaza ukuthatha inxaxheba koluntu;

(d) izimemo eziya kuwonke-wonke zokufaka amanqaku abhaliweyo okanye iinkcazelo mayela nawuphi na umcimbi kwiBhunga.

11. UKWALA UKUFUMANA IINGXELO

Umasipala unoxanduva lokukhusela amalungelo abanye abantu, kwaye amalungelo akanakusetyenziswa ngokonakalisa amalungelo abanye. Yiyo loo nto iGosa loLwazi linelungelo lokwala ukufumana iingxelo ngokubhekisela amaCandelo-34 ukuya ku-45 oMthetho wokukhuthaza ukufumaneka koLwazi, 2000 (Inombolo yoMthetho 2 ka-2000).

11.1 UKWALA NGOKWENGQIQO UKUFUMANEKA IINGXELO

Igosa loLwazi okanye iSekela leGosa loLwazi linengqiqo lokwala ukufumana iingxelo xa isicelo sokufumana ulwazi siza kubandakanya ukuxela ezilandelayo naziphi izinto:

(a) ulwazi olunikiweyo ngokwehlebo ngeqela lesithathu, ukuxelwa kwalo kungalindeleka ngokwengqiqo ukubangela ukuqala ukugweba;

(b) ulwazi, ukuxelwa kwalo kunethuba elikhulu lokufaka ukhuseleko lwesakhiwo, ulwakhiwo okanye isixokelelwano, esinokuba sisixokelelwano sekompyutha, uhlobo lwesithuthi okanye naziphi na iintlobo zepropati, engozini;

(c) ulwazi mayela neenkqubo, izixokelelwano, icebo okanye amanyathelo eenkqubo anenjongo yokukhusela umntu okwisikimu sokukhusela ingqina okanye ukhuseleko lukawonke-wonke okanye lwepropati;

(d) ingxelo eneendlela yokwenza into, amanyathelo okanye izikhokelo zokuthinthela, ukufumana, ukunqanda okanye ukuphanda ukwaphula-mthetho okanye ukwaphula-mthetho kungaba kuza kwenzeka okanye ukutshutshisa umntu othathwa njengesaphula-mthetho;

(e) ingxelo mayela nokutshutshiswa komntu othathwa njengesaphula-mthetho xa ukuxela kwengxelo kungalindeleka ngokwengqiqo ukuthinthela ukutshutshisa okanye kungabangela ukuphatha kakubi kobulungisa;

(f) ingxelo, ukuxelwa kwayo kungalindeleka ngokwengqiqo uku:

(i) ba nomonakalo wophando lolwaphulo-mthetho okanye ulwaphulo-mthetho olunokwenzeka;

(ii) tyhila okanye ukunika umntu ukuba nakho ukuchonga imvelaphi elihlebo yolwazi olunxulumene nokunyanzelisa okanye ukulawula komthetho;

(iii) bangela ukoyikisa okanye ukunyanzela kwengqina okanye umntu onokubizwa njengengqina kwiinkqubo zolwaphulo-mthetho okanye ezinye iinkqubo ezinenjongo yokunyanzelisa umthetho;

(iv) bangela ukwaphulwa komthetho; okanye

(v) ukuba nomonakalo okanye ukuthintela ubulungisa betyala okanye ukungathathi macala kokugweba;

(vi) ulwazi, ukuxelwa kwalo kunokubangela umonakalo wolwalamano lwezomkhosi, ezokhuseleko nolwezamazwe oMzantsi Afrika;

(vii) ulwazi, ukuxelwa kwalo kunethuba elikhulu lokufaka umdla wezoqoqosho nezemali woMzantsi Afrika okanye ukuba nakho koRhulumente kokulawula kakuhle uqoqosho loMzantsi Afrika engozini;

(viii) ulwazi olunamahlebo oshishino karhulumente okanye umbutho kawonke-wonke okanye olunokubeka umbutho kawonke-wonke unesithintelo kulwalamano lwesibophelelo okanye olunye ulwalamano okanye lungaba umonakalo wombutho kawonke-wonke xa kukhutshiswana kushishino.

(ix) ulwazi lwezemali, lwezoqoqosho, lwenzululwazi okanye lobugcisa, ngaphandle kwamahlebo orhwebo, ukuxelwa kwalo kunethuba elikhulu lokonakalisa umdla wezoqoqosho okanye wezemali karhulumente okanye umbutho kawonke-wonke;

(x) ulwazi oluyinkqubo lwekompyutha, echongwa kuMthetho wokuba neLungelo leKopi, 1978 (Inombolo yoMthetho 98 ka-1978) olunayo urhulumente okanye umbutho kawonke-wonke;

(xi) ulwazi mayela nophando olwenzekayo okanye oluza kwenzeka, olwenziwa liqela lesithathu okanye olwenzelwayo iqela lesithathu, ukuxelwa kwalo kunethuba elikhulu lokutyhila umbutho kawonke-wonke, umntu owenza uphando okanye umcimbi wophando kwisithintelo esinondileko; okanye

(xii) ulwazi mayela nengxelo yombutho kawonke-wonke enesimvo, icebo, ingxelo okanye ingcebiso efumanekayo okanye elungiselelweyo okanye ingxelo yokucebisana, yengxoxo, uthetha-thethwano okanye imizuzu yentlanganiso mayela nokuyilwa kwenkqubo okanye ukuthathwa kwesigqibo sokusebenzisa amandla okanye sokwenza umsebenzi ogqithiselwe ngumthetho xa ukuxelwa kunokulindeleka ngokwengqiqo ukuthintela inkqubo yengxoxo okanye impumelelo yenkqubo.

11.2. UKWALA OKUNYANZELEKILEYO KWESICELO SOKUFUMANEKA KWENGXELO

Kufuneka iGosa loLwazi lale ukufumana ingxelo xa isicelo sokufumana ingxelo siza kubandakanya ukuxelwa ngokungenangqiqo kolwazi lomntu okanye amahlebo orhwebo mayela neqela lesithathu (kuquka nomntu oswelekileyo) okanye naluphi na ulwazi, ngaphandle kwamahlebo orhwebo, olunokonakalisa umdla worhwebo okanye wezezimali weqela lesithathu.

Kufuneka ukufumana kwaliwe xa isicelo sokufumana ulwazi siza kubandakanya ukuxelwa kolwazi oluyinkqubo yekompyutha onayo umbutho wangasese okanye xa ukufumana ingxelo kungavumelekanga ngokubhekisela iCandelo 60(14) loMthetho wamanyathelo eNkqubo yoLwaphulo-mthetho, 1977 (Inombolo yoMthetho 51 ka-1977) okanye xa ulwazi lunokufunyanwa ngabantu abathile kuphela okanye xa ulwazi lungafaka engozini ubomi okanye ukhuseleko lomntu okanye ukhuseleko lwepropati.

Kufuneka iGosa loLwazi lale ukufumana ingxelo xa ulwazi luza kubandakanya ukuxelwa kolwazi olunikwe ngokwehlebo liqela lesithathu kwaye lungalindeleka ngokwengqiqo ukubeka iqela lesithathu esithintelweni kuthetha-thethwano lwesibophelelwano okanye olunye.

Xa ulwazi luza kwaphula ithemba leqela lesithathu okanye xukuxelwa kolwazi mayela nophando kuza kutyhila umntu okanye iqela lesithathu elenza uphando okanye umcimbi wophando okuza kubangela isithintelo esinondileko.

Igosa loLwazi linokwala isicelo sokufumana ingxelo xa isisicelo esiyimfeketho okanye esicaphukisayo ngokucacileyo okanye umsebenzi wokuphendula isicelo uza kuthatha kakhulu ubutyebi bombutho kawonke-wonke.

12. IZINTO EZINOKWENZIWA MAYELA NESENZO OKANYE UKUYEKA UKWENZA INTO NGUMASIPALA WESITHILI SEZIDILIYA

